Uhlahlo Lwabiwo-mali lweSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo lowama-2015

26 kweyoKwindla 2015

Somlomo Obekekileyo
INkulumbuso
Abasebenzi-ndawonye kwikhabhinethi naMalungu ePhondo asePalamente
Usihlalo wekomiti emiyo
liNtloko zamaSebe neemaneja zeSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo
Amaqabane ethu kwezemidlalo namaqela enkcubeko
Amajelo eendaba
Nabahlali baseNtshona Koloni

Intshayelelo
Kulilungelo ngokwenene ukudlulisa kule ndlu uhlahlo lwabiwo-mali lweMicimbi yeNkcubeko nezeMidlalo. Ndiza kuchaza indlela uhlahlo lwabiwo-mali oluza kusetyenziswa ngayo ukuze lufikelele incopho yalo luze luvule namathuba emisebenzi kubantu bethu ngokuphucula imfundo nokuphuhlisa abantu abasebatsha.

Iqhinga Eliphumelelayo
Urhulumente wethu uza kusebenzisa iqhinga eliphumelelayo esinokulifanisa neqhinga lomdlalo abaninzi kuthi abawayizo– itshesi. Unokumoyisa umntu odlala naye ngokusebenzisa isicwangciso esiphucukileyo. Icebo elikhulu ukuze liphumelele lifuna ubuqili nesicwangciso esixhasayo ukuze kuphunyelelwe. Lo mdlalo ufuna uzimisele engqondweni nakwinkangeleko yakho. Ukudlala umdlalo wetshesi kuphucula amandla engqondo ukuze ubani abe nobuchule bokudlala nokuba nesicwangciso esibalaseleyo esinokusisebenzisa kwimisebenzi yemihla ngemihla.

Leli qhinga eliza kusetyenziswa ngurhulumente wethu ukuze– aphucule ubomi babantu nokuphuhlisa ubuchule babo nto leyo eza kulenza libe nemiphumo emihle kwisizwe sethu.

Eli qhinga lenziwe ngononophelo ukuze kufezwe injongo ethile yephondo kulwabiwo-mali oluzi-R52 bhiliyoni– ukuze liphucule ubomi babantu abahlelelekileyo kwiphondo lethu.

Ngoku ndiza kuchaza indlela eza kusetyenziswa ngayo ivoti yohlahlo lwabiwo-mali ezizigidi ezingama-R706, 5 yeMicimbi yeNkcubeko neMidlalo yonyaka ka-2015/16, nendlela eyahlula-hlulwe ngayo ukuze eli qhinga liphumelele.

Ukuphucula iMfundo nokuPhuhlisa abantu abasebatsha
Uhlahlo lwabiwo-mali lweSebe lubekelwe bucala ukuze lukhuthaze iqela labantu luze ludale nemisebenzi kubantu bethu kwinkcubeko nemidlalo. Ukubandakanyeka kwethu NGOBUNINZI; amathuba nokufikelela; amaziko ophuhliso nokukhula (MOD) aye aphuhliswa ngakumbi ukuze kuveliswe iinkqubo zasekuhlaleni ezintsha. Ezi zinto zinika abafundi uqeqesho lwezakhono zokuphila, uqeqesho lokuqalisa ishishini, namathuba okubandakanyeka kuphuhliso lweenkqubo zasekuhlaleni. Inkqubo ye-MOD ingundoqo kumanyathelo ophuhliso lolutsha athatyathwa liSebe, yaye siya kukwazi ukuphumeza esifuna ukukwenza kuphela xa sinamahlakani asixhasayo. Ukuxhasa ngemali amaqela ezemidlalo nemibutho engundoqo yenkcubeko kokona kubalulekileyo.

Eyona nto ibalulekileyo kukunyuswa kohlahlo lwabiwo-mali lweeNkonzo yogcino-zincwadi nenkqubo ye-MOD. Injongo yoku kukudala amathuba kubantu bethu, ngokukhethekileyo abantu bethu abasebatsha, babandakanyeke kwimidlalo, kulonwabo, kwimicimbi yenkcubeko nokuphucula ukufikeleleka kumathala eencwadi, amaziko alondoloza imbali, amafa emveli neenkonzo zeelwimi. Ukuze sibonise ukubaluleka koku, siye sabekela bucala imali engama-R74 ezigidi, kule indawo yomsebenzi wethu.

Inkqubo ye-MOD iza kubanjelwa kwizikolo zamabanga aphantsi naphakamileyo ezili-181 kulo lonke eli laseNtshona Koloni. Ngokuqhelekileyo, izikolo zamabanga aphantsi asekelwe kumaziko eMOD zisebenza njengezondla izikolo eziselumelwaneni zamabanga aphakamileyo asekelwe kumaziko eMOD. Kulo nyaka ndiza kusebenza namadlelane am kumasebe eMfundo nokuPhuhlisa ulLuntu ukuphuhlisa inkqubo eyakuba ngumzekelo wokusetyenziswa liphondo lonke. Oku kuthetha ukuba sizakuxhasa inkqubo yokuzonwabisa ebakho rhoqo emva kwesikolo eye yacetywa yalungelelaniswa kakuhle.

Isishwankathelo esinabileyo soCwangciso loPhuhliso lweSizwe sika-2030 (NDP)1 sibonisa ukuba "ilifa elityebileyo lenkcubeko yelizwe lethu nobuchule babantu balo bubonisa ukuba uMzantsi Afrika unakho ukunika ihlabathi amabali, amazwi nemveliso eyodwa. Ukongezelela, imizamo yenkcubeko namazwi anokumisela imilinganiselo yokuziphatha esemgangathweni, akhuthaze impilo nokubuyiselwa kwesidima sesizwe." Oku kujoliswe ngqo kwindima edlalwa leli Sebe kwigalelo lalo lokudibanisa uluntu, ukwakha isizwe nokumanyana kwamaqela abantu abahlukeneyo.

Izinto ezenziwa liSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo zoyanyiswe ngamandla kumbono weKoloni Enye ka-2040 neqhinga llokuDibanisa iKoloni. Oku kuza kufaka isandla ekuphuhliseni ukwamkeleka, ukudibanisa nokumanyanisa abantu.

EZOBUGCISA NENKCUBEKO

Kuye kwabekelwa bucala zizigidi ezili-R110 kwiNkqubo yesi-2, equka ubuGcisa, iNkcubeko, uLwimi, Amaziko oLondolozo lweMbali, iLifa leMveli, namaGama eeNdawo.

Ixesha lokuba seofisini kweKomishini yeNkcubeko yaseNtshona Koloni liphela ngenyanga kaTshazimpuzi 2015. Ndiye ndacela iKomiti Emiyo yoKhuseleko lwaBantu, yeMicimbi yeNkcubeko neMidlalo ukuba imeme uluntu ukuze lukhethe abantu abaza kuba ngamalungu eKomishini amatsha aza kuthabathela indawo la madala ukuze abambe iofsi ngokwexesha elimisiweyo.

Inkqubo evunyiweyo yokuqeqesho amagcisa asekuhlaleni sele ihlahlelwe neYunivesiti yesaNtshona Koloni kwaye iSebe lizimisele ukwenza oku kube ngummiselo ozakusetyenziswa kuqeqesho lomculo kwikamva.

Ulutsha lwasekuhlaleni olubonwe lunetalente yaza yakhuliswa ebudeni bonyaka wama-2014/15 wephulo le drama lesebe elenzeka e-Eden nakwiMibhiyozo yeMidlalo yeQonga yaseCape Winelands, iza kuboniswa kwimidlalo yeqonga yase-Baxter ebudeni benyanga yoKwindla 2015, nase-*ABSA Klein Karoo Nasionale Kunstefees* ebudeni benyanga yoMsintsi nase-*Die Burger Suidoosterfees* ngenyaka kaTshazimpuzi 2015.

Izicelo zenkxaso-mali yeeprojekthi zobugcisa nenkcubeko zonyaka-mali ka-2015/16 ziza kuvalwa ngomso. Ngenxa yale nkqubo, iSebe liya kwazi ukuxhasa imibutho ekwiikona ezikude kwiphondo lethu ukuze kuqheliselwe ezi ndlela zahlukeneyo ezibonakalisa ubugcisa okanye kuqaliswe iprojekthi yenkcubeko. Yimali engaphezu kwezigidi ezili-R14 eyinkxaso eza kunikwa abantu abacele uncedo kulonyaka wemali omtsha.

ISebe kwakhona liza kunceda kuditywane namahlakani anempumelelo nanemibutho evunyiweyo njenge Opera yaseKapa ne-*Philharmonic Orchestra* yaseKapa nemibutho yobugcisa yasemaphandleni. La malungiselelo aphindaphindiweyo aqhubeka esanda ukuze afikelele uqeqesho lobugcisa kwanemizobo nokuxhasa impumelelo esemgangathweni kulo lonke elaseNtshona Koloni. Isebe liza kwandisa iinkqubo zobugcisa zophuhliso emaphandleni ukuze liquke iinkqubo zolutsha ezifama, oku kuzakuqaliswa kuMasipala wase-Witzenberg kungekudala.

Kuza kwandiswa uphuhliso lwemidlalo yeqonga kwidolophu yase-*Overberg* e-*Swellendam*, e-*Bredasdorp*, e-*Caledon* nase-*Grabouw* ngokwamanqanaba ale nkqubo ebudeni bonyaka-mali omtsha. Le nkqubo iza kusebenza ngokwamanqanaba ngenyanga yeSilimela ukusa kweyeNkanga 2015.

Inkqubo yophuhliso lomdaniso kuMasipala weSithili soNxweme eliseNtshona iza kuqhutywa ngenyanga yoMsintsi 2015 (Inyanga yeLifa leMveli). Le nto iza kunceda ulutsha lukwazi ukusebenzisa ubuchule balo kwindawo ekhuselekileyo nefanelekileyo.

Ebudeni bonyaka wama-2015/16, iSebe liceba ukuqeqesha abantu abali-110 kwindlela ezahlukeneyo zobugcisa, njengokudanisa, idrama nomculo.

Umdlalo wobugcisa oqulunqwe ngenyameko uzakuboniswa kwiqonga elilungiselwe oko ngenyanga yeThupha 2015. Oku kuyakusebenza njengombhiyozo wetalente yaye kuya kuboniswa nempumelelo yale nkqubo yobugcisa yeSebe. IVeki yobuGcisa yale nkqubo iya kuboniswa ngenyanga yoMdumba 2016 kwiSixeko saseKapa kwaye kuya kube kukho nabameli abasuka emaphandleni. Injongo kukukhuthaza ezo ntlobo zobugcisa zingaziwayo ukuze zivulele ulutsha amathuba omsebenzi kwikamva.

Ebudeni bonyaka wama-2015/16, eli phulo lalenkqubo lizakunabela ngaphaya kwemiba yoqheliselo lwempilo nokhuseleko. Liza kunceda kubekho uthetha-thethwano nabahlali namaqabane entsebenziswano ukuze urhulumente abone enoba kukho ezinye iindlela na zokulondolozwa nokuqheliselwa kwenkcubeko. Isebe lizakuthatha amanyathelo entsebenziswano nabameli beForamu yoLwaluko yeNtshona Koloni ukuqinisekisa ukuba amalungiselelo enziwa ngexesha phambi kokuba ixesha lolwaluko lasebusika nasehlotyeni liqale.

IINKONZO ZEELWIMI NEKOMITI YOLWIMI YASENTSHONA KOLONI

Ngowama-2011 uBalo lwabantu*lu*ibonise ukuba bayanda abantu abasebenzisa ulwimi lwabo lwenkobe kwilwimi ezithethwayo eNtshona Koloni. Ekubeni iAfrikansi ihleli ilulwimi lwenkobe olusetyenziswa sisiqingatha sabemi bephondo, inani labantu abathetha isiXhosa liye lakhula ngokuqhubekayo ukususela ngo-1996, inani labantu abathetha iAfrikansi liye lancipha ukususela ngoko. Inani labantu abathetha isiNgesi njengolwimi lwabo lwenkobe alikhange litshintshe liseziipesenti ezingama-20 ukususela ngo-1996. Ukusa kwinqanaba elithile bangaphezu kweepesenti ezi-5 abemi baseNtshona Koloni abasebenzisa ulwimi lwabo lwenkobe olungezizo ezo zintathu zigunyazisiweyo kwiphondo. Oku kuye kwanikela ukhokelo olucacileyo kwisiqulatho seeNkonzo zeSebe zoLwimi.

Ngenyanga kaTshazimpuzi 2015 iSebe liza kuphinda lilungiselele iiklasi ezisisiseko zoLwimi lokuThetha ngeZandla yloMzantsi Afrika kumaqela abazali nakumalungu entsapho zabafundi abafunda kwiSikolo saseNoluthando esilungiselelwe izithulu eKhayelitsha. Olu qeqeshe luza kunceda ekuvaleni umsantsa phakathi kwabantwana abangevayo nabazali babo abakwaziyo ukuthetha nakubantu ababanyamekelayo. Le projekthi yongezelelekileyo iza kunceda iititshala ezikwaziyo ukuthetha njengoko ilungiselelwe liSebe leMfundo laseNtshona Koloni.

Ingqungquthela ephathelele kuLwimi lokuThetha ngeZandla laseMzantsi Afrika (SASL) ibibanjwe yiKomiti yeeLwimi yaseNtshona Koloni neSebe elihlakani layo ngomhla wama-27 ngenyanga yeNkanga 2014. Injongo ibikukudibana nabahlali abangakwaziyo ukuthetha ukuze uRhulumente waseNtshona Koloni amamele izimvo zabo ngendlela anokuzinyamekela ngayo ngcono iimfuno zabantu abasebenzisa iNtetho yeZandla yaseMzantsi Afrika. Izincomelo namacebiso aqokelelwa aze aziswa engqalelweni yam yiKomiti yoLwimi konke oku kuqukiwe kwingxelo yengqungquthela. Kucetywe ukuba kubekho ucweyo namaqabane axhasayo olulandela lengqungquthela ngenyanga yeSilimela 2015.

Ukususela oko wamkelwayo ngonyaka ka-2005 Umgaqo-nkqubo Wolwimi waseNtshona Koloni, kuye kwenziwa uhlolisiso lonyaka ukuze kubonwe enoba usasebenza kusini na njengoko wamiselwa kumasebe athile ephondo. Amasebe orhulumente wephondo anikwa izibonelelo zokumisela amacandelo olwimi njengenxalenye yokuphumeza izicwangciso zoMgaqo-nkqubo woLwimi waseNtshona Koloni. Ebudeni bonyaka kowama-2015/16, kuza kwenziwa uhlolisiso kuwo onke amasebe oRhulumente

waseNtshona Koloni ukuze kujongwe yaye kuhlolwe inkqubela eyenziweyo yokumiliselwa koMgaqo-nkqubo woLwimi kule minyaka ilishumi ikho. Ingxelo yokugqibela noncomelo olwenziwe yiKomiti yoLwimi luza kufumaneka ekupheleni kwenyanga yoKwindla 2016.

Ngonyaka wama-2014 urhulumente upapashe incwadana yophuhliso lwesigama yesiNgesi nesiXhosa. NgoSuku lokuGuqulela lweHlabathi oluza kuba ngomhla wama-30 kweyoMsintsi 2015 kuza kukhutshwa incwadana entsha ehlaziyiweyo, yophuliso lwesigama yeelwimi ezigunyazisiweyo ezintathu eNtshona Koloni. Le ncwadana iza kuxhasa ukusetyenziswa ngokufana kwesigama phakathi kwabahlalutyi ksozilwimi abanikela inkonzo kurhulumente wephondo.

Isebe liya kuqhubeka lisiba neentlanganiso neQonga loSozilwimi bePhondo laseNtshona Koloni. Eli qumrhu liquka abahlalutyi bolwimi yaye lidibana kathandathu ngonyaka ukuze lixhase uphuhliso olusemgangathweni. Ukongezelela, eli Qonga lizibophelela ekuphuhliseni isigama kwaye linemizamo ebonakalayo yokuhlaziya ubhalo-sigama lwesiXhosa.

INKONZO NAMAZIKO OLONDOLOZO LWEMBALI NAMAZIKO ABANDAKANYEKAYO

Umgaqo-nkqubo weZiko loLondolozo lweMbali waseNtshona Koloni unikezela ngamaziko olondolozo mbali engingqi, uhlobo olutsha lwamaziko olondolozo mbali. Ulondolozo lwembali eKapa luqale kunyaka ophelileyo. Eli ibe linyathelo lokuqala lokusebenzisa lo mgaqo-nkqubo. Uthetha-thethwano lokukhusela ezi ndawo zolondolozo lwembali lumele lube sele lugqityiwe kunyaka omtsha wemali. Isebe liza kunikela ngezinto eziyimfuneko lize lixhase ngobuchwepheshe iziko lolondolozo mbali, yaye lukuthetha-thethwano namahlakani ukuze kusetyenziswe izinto ezenziweyo nezo ziqokelelweyo, sithetha nje eziselugcinweni lwamanye amaziko nemibutho yamafa esizakuzisebenzisa ekwenzeni imiboniso yokuqala.

Kwiminyaka emihlanu ezayo, iNkonzo yoLondolozo lweMbali iza kumisela inkqubo ebanzi neza kuba negalelo elinzulu kumaziko olondolozo mbali nakwindawo zelifa lemveli. Kwenziwa isicwangciso esiyintloko seziko lolondolozo mbali ngalinye ukuze sikhokele ukuphuculwa nokuhlaziywa kweendawo zemiboniso. Olu tshintsho luqhubekayo luza kuba negalelo ekwenzeni lamaziko olondolozo mbali alimele kakuhle ilifa lenkcubeko elahlukahlukeneyo labantu baseNtshona Koloni. Ukusetyenziswa kobuchwepheshe obutsha kuye kwaphucula amava abakhenkethi, njengoko kunokubonwa kumanani andayo abakhenkethi. Kwiminyaka emithathu ezayo, kucetywa imiboniso emitsha nenika umdla nokuphuculwa kwezinto ezikhoyo kwelona ziko lolondolozo mbali elidumileyo eNtshona Koloni, iziko lolondolozo mbali i-*Bartolomeu Dias* elise-*Mossel Bay*.

ULAWULO LWEZIBONELELO EZILILIFA LEMVELI NELIFA LEMVELI LASENTSHONA KOLONI

ILifa leMveli laseNtshona Koloni lithemba ukugqibezela ukudlulisela ngokusemthethweni ulawulo lwebonelelo zelifa lemveli kwisiXeko saseKapa zeBanga III phantsi koMthetho oLawulo Lwezinto Ezililifa leMmveli, ka-1999 (Umthetho 25 ka-1999) ebudeni beenyanga ezizayo. Sithethanje uYilo lweMvumelwano oluqulunqiweyo lulindele ukwamkelwa liBhunga leSsixeko. Oku iyakuba kokokuqala eMzantsi Afrika apho igunya lasekuhlaleni linikezela ngokusemthethweni ulawulo lwezibonelelo ezililifa lemveli.

Ngenyanga yeDwarha 2014 kwatyikitywa isivumelwano senkonzo nomnikezeli ngeenkonzo ukuze aphuhlisa inkqubo enenkcazelo yokulawula ilifa lemveli kwiphondo. Le projekhti ye-R4.75 yezigidi iza kusebenza de kube ngunyaka-mali wama-2016/17 yaye iza kuba lelona tyalo mali likhulu elabelwe kwilifa lemveli kwiphondo. Ukugqitywa kwayo, ngokwenkqubo ezihambelayo, izakukhokelela kwindlela esebenzisekayo ngokomgangatho ophakamileyo kwaye yonke le nkqubo iza kuba ibonakala ekuhleni. Ilifa lemveli laseNtshona Koloni lingumququzeli ophambili wale projekthi, liza kudityaniswa nenkqubo yephondo ebizwa ngokuba yi-My Content yaye iza kunceda ekunyamekeleni iimfuno zeNkonzo zeZiko oLondolozo lweMbali neeNkonzo zamaGama eeNdawo.

ILifa leMveli laseNtshona Koloni lilindele ukuba eyona ndima liza kuyidlala kunyaka mali ozayo ibe kukuqwalasela izicelo ezingamawaka amathathu. Oku kuza kwenziwa kuphumelele kwiintlanganiso eziyi-36 zeekomitana zengcaphephe neentlanganiso eziyi-44 zeqela labasebenzi abaqeqeshiweyo.

Ebudeni beminyaka emihlanu ezayo, kuza kumiselwa umsebenzi kwindawo yelifa lemveli lase-Khoekhoen Two Rivers Urban Park eObservatory, eKapa. Le projekthi iza kuba yinxalenye yelifa lesizwe sama-Khoisan. Le ndawo iza kubonisa imbali yokudibana okokuqala kwama-Khoekhoen namazwe ayengamathanga ngo-1510 eObservatory, yaye kuqondwe nendima ebalulekileyo edlalwe ngama-Khoekhoen nenzala yawo ekubumbeni eliphondo nelizwe ngokubanzi.

AMAGAMA EENDAWO NEKOMITI YAMAGAMA EENDAWO YEPHONDO LASENTSHONA KOLONI

IKomiti yamaGama eeNdawo yeNtshona Koloni iza kuqhubeka iqinisekisa ngokuchana kwamagama akhoyo eendawo ize iwathumele kwiBhunga lamaGama eeNdawo loMzantsi Afrika. Ikomiti iza kuqwalasela izicelo ezifakiweyo ezicela ukutshintshwa kweendawo ezithile eNtshona Koloni.

INkqubo yeMisebenzi yoLunut eYandisiweyo

Ngonyaka wama-2015/16, izicwangciso zeSebe zeeprojekthi ze-*EPWP* ziza kuqhubeka zivulela amathuba amahle emisebenzi kulutsha kubugcisa, kwinkcubeko, kwilifa lemveli, kumathala eencwadi nakwiindawo zoovimba, iza kubekela bucala izigidi ezili-R13,454. Ezi nkqubo ziye zamiselwa kulo lonke iphondo, kuquka abantu basemaphandleni.

INKONZO ZAMATHALA EENCWADI

Amathala eencwadi noovimba aqukiwe kwiNkqubo 3 yaye zibekelwe bucala imali ezizigidi ezingama-R360,6.

INkonzo zeThala leeNcwadi, eliza kugqiba iminyaka engama-60 ngenyanga kaCanzibe 2015, Isoloko lisebenza ngenkuthalo ukuze lifikelele kulo lonke eli laseNtshona Koloni. Sithethanje, kukho amaziko amathala eencwadi angama-361 adityaniswe nenkonzo yethala leencwadi yephondo yaye, njengoko kusakhiwa amathala eencwadi amatsha yaye kukho amathala eencwadi iamancinane, eli nani liza kuqhubeka likhula.

Amaziko amathala eencwadi amahlanu aza kuxhaswa ngemali ukulungisa ezi zakhiwo ngonyaka wama-2015/16:

- IThala leeNcwadi lase-Du Noon, kwiSixeko saseKapa.
    - • IThala leeNcwadi lase-Groendal, kuMasipala wase-Stellenbosch.
    - • IThala leeNcwadi lase-Abbotsdale, kuMasipala wase-Swartland.
    - • IThala leeNcwadi lase-Ashbury, kuMasipala wase-Langeberg.
    - • IThala leeNcwadi lase-Herbertsdale, kuMasipala wase-Mossel Bay.

Amathala eeNcwadi aza kuphuculwa okwesibini aze / anyukele kwinqanaba elingentla ngala:

- • IThala leeNcwadi lase-Worcester • neThala leeNcwadi lase-Avian Park, kuMasipala wase-Breede Valley.
- • IThala leeNcwadi lase-Kleinmond, kuMasipala wase-Overstrand.
- • IThala leeNcwadi lase-Suurbraak, kuMasipala wase-Swellendam.
- • IThala leeNcwadi lase-Conville, kuMasipala wase-George.
- • IThala leeNcwadi lase-Citrusdal, kuMasipala wase-Cederberg.

Ukuze lilungise ingxaki yokungaxhaswa ngemali kwamathala eencwadi karhulumente, iSebe liye lafumana inkxaso-mali kuNondyebo weSizwe nakuNondyebo wePhondo. Urhulumente weSizwe phantsi kwemeko ethile unikela ngemali ezizigidi-ezingama-R158.469 . kunyaka wama-2015/16 ukuze kuphuculwe amathala eencwadi asekuhlaleni nto leyo eza kunika isiqabu kakhulu kwezezimali. Kule mali, izigidi ezili-R142.374 (89.9

eepesenti) iza kuthunyelwa koomasipala abangama-25 abanikela ngeenkonzo kumathala eencwadi. Le mali iza kusetyenziselwa ukuqesha abasebenzi, ukwakha amathala eencwadiamatsha, uphuculo nokusebenzisa iinkqubo ezithintela ukubiwa kweencwadi.

Isimbuku seepesenti ezingama- 97.4 sezigidi ezingama-R60.037 seenkonzo zamathala eencwadi zohlahlo-mali siza kuthunyelwa koomasipala abali-15 beCandelo B3. Olu bonelelo ngemali luza kusetyenziselwa ukuhlawula abasebenzi bamathala eencwadi, nokugubungela izinto ekufuneka zenziwe neendleko ezincinane esisiseko.

I-Projekthi i-Rural Library Connectivity Project (RLCP) ebisoloko ikho ukususela kunyaka-mali wama-2008/09 iyinxalenye yePhulo lokusebenzisa amaza omoya (Broadband) laseNtshona Koloni. Eli nyathelo lijolise ekudibaniseni nasekumanyaniseni iinzame zikarhulumente ukuze anikele ngamajelo onxibelelwano noko kuyimfuneko kuwo nasekuphuculeni ubuchule nokusetyenziswa kwayo. Ekupheleni konyaka-mali ozayo, abasebenzi bethu bamathala eencwadiasemaphandleni nabantu abaxhamlayo baza kufumana i-intanethi enesatya esiphezulu. Kubekelwe bucala isimbuku sezigidi ezili-R19.058 kule projekthi kwiSikhokelo seNkcitho-mali yesiQingatha soNyaka sowama-2015.

INkonzo yeThala leeNcwadi iza kufuma uqikelelo lweekopi ezingama- 228 500 eencwadi ukuze yongeze kwisitokhwe enaso sezinto zethala leencwadi ezizigidi eziyi-6.5 kumaziko angama- 361 kulo lonke iphondo.

INkonzo yeThala leeNcwadi kuqhubeka inikela ngamathuba oqeqesho kubasebenzi ize ihlole ezi nkonzo ngokwenza utyelelo lokuhlola rhoqo. Ngokuvumelana nenyathelo lokutshintshela kwidijithali, siza kuvelisa inkonzo yezibonelelo nge-elotroniki. Usukelo lwethu kukuba abahlali bakwazi ukufikelela kwezi zibonelelo kumakhaya abo njengoko behlala kude, bazisebenzise njengamalungu eThala leeNcwadi.

Ukongezelela kumathala eencwadi angama-27 amatsha, siza kukhuthaza ukusetyenziswa kweenkonzo zamathala eencwadi kubahlali size sixhase lo mathala eencwadi asebenzise i-SITA iNkuqubo yoLawulo lweNkcazelo yeThala leeNcwadi.

Iinkonzo zethu kwabo baneziphene isahleli iyinto yokuqala njengoko sisebenzisa iteknoloji encedisayo, iincwadi ezifundwayo nezixhobo ezongezelelekileyo. Sijonge ekwandiseni le nkonzo ngonyaka ka-2016/17.

Eyona nto iphambili kwi-ajenda yalo nyaka yi-International Federation of Library Associations and Institutions (IFLA) World Congress apha eKapa ngenyanga yeThupha, kulindeleke ukuba kubekho phantse ibe ngama-4 000 abantu abaza kuza abavela kumazwe ayi-150. Iza kuba sisihlandlo sesithathu ukubakho apha eAfrika le ngqungquthela susela oko yasekwayo ngo-1927.

INKONZO YOLONDOLOZWE LWENKCUKACHA EZIBALULEKILEYO
Zizigidi ezingama-R36.143 ezibekwe bucala ukuze uLawulo lwezinto Ze-Electroniki (ECM) / (-My Content -Endikuquletheyo) lusetyenziswe, oku kuza kuzinzisa ukugcinwa kwamaxwebhu ngokufanalekileyo nolawulo olungileyo. Inxalenye yale projekthi kukuguqula le nkcazelo ekovimba ibe kwidijithali nto leyo ebonisa eyona ndlela iphuculiweyo yokufumaneka kwezi nkonzo zoovimba.

EZEMIDLALO
Kuye kwabekelwa bucala uhlahlo-mali oluzizigidi eziyi-R175,4 kwiiNkonzo zesebe zeMidlalo noLonwabo. Njengoko ndiye ndatsho ngaphambili, ulwabiwo-mali oluzizigidi ezingama-R74 kwiNkqubo yeMOD eyenzelwe ulutsha yeyona nto ibalulekileyo kuhlahlo-mali.

Izigidi eziyi-R5,8 ziza kwabelwa imibutho yemidlalo eli-110 kwizithili ezintandathu zephondo. Le mali iza kusetyenziselwa ukulawula, uphuhliso, ukuxhobisa ngezakhono nolwazi kunye neprojekthi zenguqulo. Ebudeni benyanga kaTshazimpuzi, ndiza kutyelela

iingingqi ezahlukeneyo ukuze ndidlulisele le mali kubantu abafanelekileyo.

Ngowama-2015/16, iSebe liza kudlulisela izigidi eziyi-R1,9 kuMasipala waseDrakenstein ukuze akhe isikolo iCape Winelands Sport Academy kwibala lemidlalo elise-Dal Josafat. Le nkqubo yeakhademi, ingundoqo kwiZicwangciso zeMidlalo nezoLonwabo zeSizwe kwaye sikholelwa ukuba utyalo-mali kule ndawo luza kuphucula ubomi babadlali bale ndawo.

Ukhenketho lubonwa njengoyena ndoqo okhulisa ezoqoqosho eNtshona Koloni. Isebe lethu ngoko ke liza kuxhasa ukhuphiswano lwemidlalo engama-50 kwindidi zayo ezahlukeneyo. Izigidi eziyi-R2 ziye zabekelwa olona khuphiswano lungundoqo. Kwakhona sineqhayiya ukwazisa ukuba sinendima esiyidlalileyo ekuqinisekiseni ukubakho kwemidlalo yetumente ye-*International Rugby Board Sevens* kwibala lemidlalo laseKapa yaye siza kuqhubeka sixhasa iiNdumasi zaseKapa, uKhenketho lweBhayisikili lwaseKapa, i-Old Mutual Two Oceans Marathon, iBerg River Canoe Race iCape Town Marathon, ukuchaza nje imidlalo embalwa.

Inxenye yoko sekugunyazisiweyo kukunika imbeko kubadlali abagqwesileyo ukuze impumelelo yabo ibe lukhuthazo kwabaninzi. Ukuzothi ga ngoku, iSebe liza kuququzela iimbasa zemidlalo kuzo zontandathu izithili ngenyanga yeNkanga 2015, lize ligqibezele ngeeMbasa zeMidlalo yePhondo kwinyanga yoMdumba 2016. Abadlali abaphumelele ezi mbasa baza kuya kwiiMbasa zeMidlalo yaseMzantsi Afrika.

Somlomo, iNkqubo yokuPhuhlisa amaQela yinkqubo ejolise ekuncediseni amaqela ezemidlalo eNtshona Koloni ukuze akwazi ukuzimela, ngokuvumelana neZicwangciso zoPhuhliso zeSizwe. Ngonyaka wama-2015/16 iSebe liza kuxhasa amaqela angama-300 kwimidlalo eyahlukeneyo engama-22 eNtshona Koloni. La maqela aza kunikwa impahla, izixhobo, axhotyiswe ngolwazi nezakhono, aze axhaswe nangezinto zokuhamba xa edlala imidlalo yangaphandle. Isimbuko sezigidi ezili-R9,9 ziye sabekelwa bucala ukuze kufezwe le njongo.

Ngokuvumelana neNjongo yeQhinga lePhondo elikhuthaza ukuba sempilweni, iSebe kwakhona liza kulungiselela imidlalo yoMmandla yoBambiswano Ngamandla. Le Midlalo iya kubanjwa kwinyanga yeDwarha 2015 e-Oudtshoorn, e-Saldanha, e-Worcester nase-Stellenbosch.

Uludwe lwezifundo zoqeqesho ziza kuququzelelwa liSebe lam kunyaka–mali wama 2015/16 kwaye ndifuna ukukhankanya sibe sinye ngokukhethekileyo. ISebe liza kuqeqesha oomasipala abangama-50 namagosa emibutho kuludwe lwezifundo ezimbini sincediswa yiYunivesithi yaseKapa yePeninsula yeTeknoloji. Uludwe lwezifundo zoLawulo noLawulo Lwamaziko nezokuCeba uKhuphiswano ziya kuqinisekisa ukuba oomasipala bayakwazi ukusebenzisa iziXhobo zeNkonzo zoLwazi aMaziko eNkcazelo ngeeNdawo. Usukelo lwethu kukuqinisekisa ukuba asetyenziswa kakuhle yaye agcinwa ekwimeko entle amaziko ezemidlalo eNtshona Koloni, sinciphise inkcitho size siphelise nomonakalo.

ULONWABO

Ulonwabo liqonga apho imidlalo, nemicimbi yenkcubeko iphuhla ize ikhule khona. Lukhuthaza iimbono nesimo sengqondo sokuphila ubomi obusempilweni nokuqhubeka ufunda ebomini yaye lunikela izinto ezinokwenziwa ngemidlalo elungalungisiweyo – imidlalo yemveli; amaziko emidlalo asezifama, amaziko emidlalo asekuhlaleni; imidlalo yabantu abadala; nokuhamba imigama. Ulonwabo nemidlalo elungalungisiweyo zikhona kumaziko amaninzi asezifama nasekuhlaleni kwiphondo lonke.

ISebe lam lisebenza ngokulondoloza nokugcina ulwazi lwemidlalo yemveli okanye yamandulo ngokuthi lenze imidlalo efana ne-*jukskei*, u-morabaraba, i-kho-kho ne-kgati. Kuza kubakho ukhuphiswano komasipala basekuhlaleni abangama -26 nomasipala besithili ba-6 kwinyanga kaTshazimpuzi nekaCanzibe. Abadlali abagqwesileyo baza

kuba nenxaxheba kukhuphiswano lwephondo oluza kuba ngenyanga yeSilimela neyeKhala yaye abagqwesileyo kubo baza kumela iNtshona Koloni kwiMidlalo yeMveli/yaMandulo yeSizwe ngenyanga yoMsintsi 2015.

Somlomo, ukuba iliso lethu libona kude kunabanye kungenxa yokuba ikamva lethu liye lakhelwa phezu kwamagxa abantu bethu abadala. Ukuzothi ga ngoku, sibanceda babe nenxaxheba kwimidlalo nasekuzonwabiseni ngeMidlalo yaMandulo. Yonke le nto iqala kumaziko amakhaya asekuhlaleni ebudeni benyanga kaTshazimpuzi, kaCanzibe neyeSilimela. Abagqwesileyo baza kudlala kwimidlalo yephondo kwinyanga yoMsintsi yaye abagqwesileyo apho baza kudlala kwiMidlalo yaMandulo yeSizwe ngenyanga yeDwarha 2015.

Ukuze bahlale bomelele besempilweni ngokuvisisana nokuzama ukukhuthaza indlela yokuphila esempilweni nabahlali abasempilweni, kulo nyaka iSebe liza kuxhasa uSuku lweHlabathi lokuHamba uMgama oMkhulu ngowesi-3 kweyeDwarha 2015.

IMIDLALO YEZIKOLO
Kuye kwasungulwa iQela liHlanganisiweyo neliza kusebenza ePhondo (JPTT) ukuze longamele imidlalo yesikolo kwiphondo. I-JPTT iza kudibanisa kunye abameli beMicimbi yeNkcubeko nezeMidlalo, kuquka neMfundo. Liza kudibana ubuncinane kabini kwikota yesikolo ze licebisane rhoqo noManyano lweMidlalo lwaseNtshona Koloni njengelidlala indima yokuba ngumgcini wemidlalo eNtshona Koloni.

Kulo nyaka sizakubona i-Indaba yesibini yeMidlalo eSikolo yeNtshona Koloni isingathwe kunye norhulumente. Kukho imali ebekelwe bucala ukuze kusekwe kuze kuqiniswe amaqela emidlalo eyahlukeneyo esesithilini nakwiphondo. Kulo nyaka siza kuphinda sixhase ukukhuthazwa nokuququzelelwa kweligi yemidlalo ephakathi kwezikolo, nokuba nenxaxheba kuKhuphiswano wleMidlalo yeZikolo zeSizwe ePitoli kweyoMnga.

Uqukumbelo
Xa udlala itshesi, izithonga zakho zokugqibela ziya kuxhomekeka ekusebenziseni iqhinga obulicebe kwasekuqaleni. Abadlali abakrelekrele baqikelela oko kuzakwenziwa ngabo baqubisene nabo baze bacinge ngendlela abanokudlala ngayo enokuba nceda bahlale bengaphambili kunabo badlala nabo. Kwimingeni ilizwe lethu elijongene nayo, abo simelene nabo abayomibutho echasene nathi, kodwa bakhathalele impilo-ntle yabantu bethu. Njengorhulumente, nanjengeSebe, kufuneka sizise utshintsho olubonakalayo ebomini babantu njengoko bexhomekeke kwiinkonzo nakwizinto esibalungiselela zona. Uhlahlo-mali endithethe ngalo namhlanje luthethe ngokuphakamisa iinkonzo eziza kuchukumisa ubomi babantu, yaye luza kusinceda sakhe ibutho labantu eliluqilima.

Ukuze le nto iphumelele, ndiza kuyidinga inkxaso yeSebe lam, amaqabane entsebenziswano, nabadlala indima becandelo labucala, ukuze sifikelele umnqweno wethu sonke wokuvula amathuba kubantu bonke bethu.